



IZINDULULO

*Izindululo ezenziwe kuHlobo lweKhampasi /
loBomi neNkcubeko yase-Res 2021*

Isiqulatho

- 2 Uluntu lwe-LGBTQI+
- 3 Abafundi Abahlala Ngaphandle
- 4 Ukukhubazeka
- 5 Abafundi beSizukulwana sokuQala
- 6 Inkqubo yoKwamkela
- 7 Inkqubo ye-LLL
- 8 ULawulo noNyulo lwaBafundi
- 9 Imigaqo-siseko, iMigaqo kunye neKhowudi yoLuleko
- 9 UQeqesho noPhuhliso lobuNkokheli
- 10 Ukumiselwa nokuQeqeshwa kweeNtloko zeRes
- 10 Impilontle noXabiso lwaBasebenzi be-DSAf
- 11 Ubomi base-Res neNkcubeko
- 11 Ezokhuseleko

Uluntu lwe-LGBTQI+

2

Fanelesibonge Philasande Ndebele

01

Yila iqonga leengxoxo kunye noluntu lwaseYunivesithi kwizihloko ezibalulekileyo, ukuze kuququzelelwe ukufikelela okubanzi kunye nokuphucula inkonzo - umz. impilo yengqondo;

03

Ipotfoliyo kwiKomiti yeNdlu, igxile ekuqaqambiseni amava abafundi be-LGBTQI+ nokukhuthaza ukuqukwa. Imisebenzi yokuqukwa kufuneka ikhuthazwe phakathi kwabafundi ukuze kuqinisekwe ukuba abafundi be-LGBTQI+ ababekelwa bucala kwaye abajongelwa phantsi;

05

Kukho imfuneko yotshintsho noguqulo olunzulu lwenkcubeko kuluntu lweendawo zokuhlala nolwe-PSO ukuze abafundi be-LGBTQI+ babe ngabo ngaphandle kokuba noloyiko lokubekelwa bucala nokujongelwa phantsi;

07

Kufuneka kubekho uthethathethwano neenkokeli zabafundi, iintloko zeendawo zokuhlala, abanxibelelanisi be-PSO, abanxibelelanisi beqela nabanye, ukuze kulungiswe imiba ejongene noluntu lweLGBTQI+ ;

09

Kufuneka siphakamise size sikhuthaze amanyathelo amancinane okwazisa nokukhuthaza ukuqukwa, umzekelo, ukubiza umntu ngokusebenzisa izimela-bizo zabo;

11

Ingxoxo ye-SU LGBTQI+ kufuneka ibe sisiganeko saminyaka le kwikhalenda yale yunivesithi.

02

Ukwandisa inkxaso-mali yeenkonzo zempilo yengqondo kule Yunivesithi;

04

Kukho imfuneko yekomiti kunye namaqela amaziko eyunivesithi aza kumela abafundi nabasebenzi be-LGBTQI+;

06

Kufuneka kubekho uphando olumalunga namandla nefuthe leenkokeli zabafundi abakwiindawo zokuhlala, kwakunye nokufuduka kwabafundi kwiindawo zokuhlala zale yunivesithi, ukuya kwiindawo zokuhlala zezinye iindawo. Kutheni abafundi bezishiya iindawo zokuhlala zale yunivesithi?

08

Ukucinga ngokusekwa kwekomiti eza kulungelelanisa ukumiselwa "kwabacebisi bezicwangciso-qhinga" abaza kusingatha izicelo nokumiselwa kweenkokeli zabafundi kwiindawo ezahlukahlukeneyo zabafundi;

10

Abantu be-LGBTQI + kubhekiselwe kubo, njengabantu kungekhona "njengemizimba" kuba oko kucima ubukho babo kunye nobuntu babo; kubanciphisela ekubeni yimbonakaliso nje engokwasemzimbeni, kwaye

*

Phawula: Ezinye izindululo ezingadweliswanga apha, ziseza kuqwalaselwa

Abafundi Abahlala Ngaphandle

Benita van Zyl

01

Onke amaqela kufuneka abe namaziko eqela. Amaziko aseleyo kufuneka abekwe phambili kwisicwangciso sophuhliso lweziseko;

03

Ezothutho nesakhiwo sokupaka sase-SU kufuneka ziphuhliswe ngohlobo lokuba kube lula ukuba zifikelelwe ngabafundi abahlala ngaphandle. Iinqwelana zokuthutha abafundi (shuttles) kunye neenkonzo ezibonelela ngento yonke (one-stop) kufuneka zifumaneke zize zisebenze ngokukhawuleza;

05

Unxibelelwano lwarhoqo kunye nabafundi abahlala ngaphandle ukuze kuqondwe iimfuno zabo ngcono kwaye ziphendulwe.

02

Yila iindawo ezingakumbi zabafundi abahlala ngaphandle kwiikhampasi jikelele;

04

Umthamo wabasebenzi kufuneka wandiswe;

Ukukhubazeka

4

UGqr. Marcia Lyner-Cleophas

01

Kufuneka kuqeshwe abasebenzi abangakumbi abakhubazekileyo;

02

Uqeqesho lolwimi lwezandla kubasebenzi luyimfuneko;

03

Ukuqeshwa kwelungu elilawulayo lababenzi ukuze alawule imisebenzi ethile, ukuze kuncitshiswe umthwalo onzima kwabanye; kunye

04

Ukuhlaziya amaxwebhu / iimanyuwali zokukhubazeka kuwo onke amasebe;

05

Ixesha lokucingisisa komntu ngamnye nentsebenziswano kufuneka licwangciswe ngabom (lifane nendlela esetyenziswayo kumaphononongo abantu), ngamanye amaxesha kunikelwe ngolwazi kwinto esiyenzayo. Oku kunokomeleza ukudibana nokunceda oogxa babo baqondane;

06

Khuthaza uLawulo lwamaZiko ukuba luquke iYunithi yabaKhubazekileyo ebudeni besigaba sokucwangcisa iiprosjekthi. Quka uYilo lwaJikelele lokuFunda lomlinganiselo ofanayo nalowo uqondwa luLawulo lwamaZiko loYilo jikelele;

07

Qalisa incoko malunga nesikhundla seYunithi yabaKhubazekileyo esiseyunivesithi;

08

Izinto zentengiso zase-SU ukubonisa iimpawu ezahlukeneyo;

09

Iiklasi kufuneka zibe nezithuba ezingaphambili, zabafundi abakhubazekileyo; kwaye

10

Imiceli-mngeni yokufunda yase-SU kubafundi abakhubazekileyo ekufuneka iqwalaselwe.

Abafundi beSizukulwana sokuQala

Joy Petersen

01

Iqonga lokwamkela kufuneka lihlolisiswe njengeithuba lokuqala lokutsala abafundi besizukulwana sokuqala (FGS);

03

Intsebenziswano enkulu neenkqubo zokugaya abafundi base-SU;

05

Uluhlu lweemfuno ezisisiseko lubalulekile kwimpumelelo yabafundi.

02

Inkqubo ye-SOAR kufuneka ihlolwe emva kweminyaka emi-2, kunye nokuba alinokwandiswa na ixesha lenkqubo ngexesha lokwamkela;

04

Iimfuno ze-HEMIS zifanele zihlolwe, zingasebenzi ekupheleni kukaSeptemba kunoko zibe sekupheleni konyaka wokuqala; kwaye

Inkqubo yoKwamkela

Ayanda Ntuli

Iqela lomsebenzi liqale ukusebenza, kwaye liza kubonelela ngengxelo ngoJuni 2022.

Into esele icacile kukuba:

01

Kufuneka kubekho ulungelelwano oluthe kratya kuyo yonke imisebenzi yeNkqubo yoKwamkela – Ukusekwa kwekomiti encinci yesicwangciso ekhokelwa nguMlawuli oyiNtloko weMicimbi yaBafundi (Ukubandakanywa koMlawuli woNxibelelwano lwamaShishini kunye noMlawuli wezeNtengiso);

02

Uxwebhu olushwankathelayo olunezikhokelo ezicacileyo ngenkcazelo efunekayo kwiNcwadana yoKwamkela;

03

Ukubandakanya ngabom kwawo onke amaziko omathathu ekucwangciseni iNkqubo yoKwamkela njengoko iluxanduva lweMicimbi yaBafundi ukulungelelanisa iinkqubo kunye nokuhlanganisa abantu; kunye

04

Unxibelelwano olucacileyo kunye nesicwangciso sezentengiso seNkqubo yoKwamkela.

Inkqubo ye-LLL

Noël Bekker

01

Ukuhlaziywa kwezindlu ezisetyenziselwa inkqubo;

03

Ukucokiswa kwenkqubo yokukhetha kwinkqubo

05

Umfanekiso nophawu lwephulo: Ukuphuhlisa isicwangciso seqonga lonxibelelwano nokubonelela ngoqeqesho kumntu onoxanduva.

02

Ukuqalelwa phantsi kwesiquqatho senkqubo: Ukucwangcisa kunye neqela le-LLL ukuseka isicwangciso sonyaka ozayo;

04

IMicimbi yaBasebenzi kunye nophuhliso lwezakhono: ukulungela iindima zabasebenzi abasafundayo ukuze kufezekiswe iinjongo zamaphulo kunye nokumisela ulindelo olucacileyo. Ukubonelela ngamathuba oqeqesho nophuhliso;

ULawulo noNyulo lwaBafundi

Anele Mdepa

Kukho iiseti eziliqela zezindululo kwiindidi ezahlukeneyo zonyulo phakathi kwabafundi. Ezi ziya kuqwalaselwa kwi-SCSLEEC nakwi-CSC, ngokufanelekileyo kwaye akunyanzelekanga ukuba zidweliswe apha kodwa ziphawuliwe:

01

Izindululo ezenziwa ngabaququzeleli bonyulo (SRC);

02

Izindululo ezenziwa ngabaququzeleli bonyulo (TSR);

03

Izindululo ze-TPSC.

Izindululo ezibalulekileyo zababafundi zezi zilandelayo:

01

UMgaqo-siseko ophangalelelyo wabafundi bonke onamacandelo athile anxulumene nendawo yokuhlala ethile okanye i-PSO;

02

Izikhokelo zehlabathi lonke zonyulo olukwi-intanethi ukuqinisekisa ukungaguquguquki kuzo zonke iindawo zokuhlala kunye nee-PSO, njengendlela yokukhuthaza unyulo lwentando yesininzi, olukhululekileyo nolungenamkhethe; kunye

03

Uqeqesho ngokubanzi lwabo bonke abaququzeleli bonyulo ngaphambi kokuthatha indima yokuququzelela unyulo.

Imigaqo-siseko, iMigaqo kunye neKhowudi yoLuleko

Jaco Greeff Brink noQaqamba Mdaka

01

Uhlolo lweMigaqo yeNdawo yokuHlala njengoko iphelelwe lixesha kwaye ingathethi kwimeko nemiceli-mngeni yangoku yase-SU phakathi koluntu; ayilungelelaniselwanga ziinqobo zeyunivesithi. (imigaqo idityaniswe kuxwebhu olunye);

03

Inkqubo yoluleko kwiindawo zokuhlala kufuneka icaciswe ngokucacileyo, ukwenzela ingaguquguquki kwaye ihambelane neKhowudi yoLuleko yaBafundi base-SU;

02

Ukuhlunganisa nokulungelelanisa imigaqo-siseko yendawo yokuhlala kubo bonke abafundi kusetyenziswa umzekelo osemgangathweni enezahluko ezimiseliweyo; ezilungelelaniswe noMgaqo-siseko wase-RSA, iMithetho yeSU, imigaqo-nkqubo, imigaqo yendawo yokuhlala ehloliweyo, yoMbono ka-2040, iinjongo neenqobo zesicwangciso (ezichaza ngokuthe ngqo ugunyaziso lwe-DSAf nolwe-CSC).

UQeqesho noPhuhliso lobuNkokheli

UGqr. Johan Groenewald

01

Ukusekwa kweQonga le-DSAf eligxile kuqeqesho nophuhliso lobunkokeli, elinolwakheka okucacileyo kunye nemimiselo yembekiselo ecacileyo;

03

Ukuhambisela phambili indlela yoqeqesho nophuhliso lobunkokeli olunezigaba olufikelela kubafundi ngaphambi kokuba bonyulwe okanye bamiselwe kwiindima zobunkokeli - ukuvumela uphuhliso lwezakhono ekuhambeni kwexesha;

02

Ukuphuhliswa kweKhalenda yoQeqesho lobuNkokeli elungelelanisa imihla yoqeqesho neenkomfa kunye nomjikelo wezifundo nobunkokeli ukutyhubela konke ukusebenza okwahlukahlukeneyo kwe-DSAf;

04

Ezi kunye nezinye iziphakamiso zibe yinxalenye yesishwankathelo kwiQonga le-DSAf kuQeqesho noPhuhliso lobuNkokheli ukwenzela umsebenzi othe kratya.

Ukumiselwa nokuQeqeshwa kweeNtloko zeRes

10

Riana Engelbrecht

01

Ukufaneleka kunye nenkqubo yokumisela iintloko zeRes kuya kuhlolwa;

02

INkqubo yoqeqesho lweentloko zeendawo zokuhlala iya kuphuhliswa, kwanabo banqwenela ukuba ziintloko zendawo yokuhlala; kananjalo;

03

Ixesha lokuba sesikhundleni liya kulinganiselwa kumaxesha amabini eminyaka emi-4 kuye ngamnye.

Impilontle noXabiso lwaBasebenzi be-DSAf

UGqr. Elmien Sinclair

01

Ukuyila iindawo zoluntu apho abasebenzi abasuka kuwo omathathu amaziko banokuncokola baze banxibelelane ukuvumela intsebenziswano phakathi kwamaziko;

02

Ukuvumela amalungu abasebenzi ukuba bakhe uqheliselo lwempilontle kumsebenzi wabo wamihla le;

03

Indlela yokusebenza ebhetyebhetye kufuneka iqwalaselwe, kunye nesikhokelo esicacileyo esiya kubasebenzi ngokuphathelele koku (imodeli yomsebenzi wohlobo lweHybrid).

Ubomi base-Res neNkcubeko

11

Ruth Andrews

Iqela lomsebenzi kuye kwafuneka lime, ukuze lilinde ukuhlolwa kweMigaqo yeNdawo yokuHlala esendleleni (Matshi - Julayi 2022). Yonke inkcazelo eqokelelweyo, iya kuqukwa kule nkqubo.

Ezokhuseleko

Brandon Como

Ingxelo ayikapheleli. Izindululo ziya kufakwa zakufunyanwa.

